

CultureTalk South Africa Video Transcripts: <http://langmedia.fivecolleges.edu>
A Manicurist Discusses Wishing to Expand Her Business

Xhosa Transcript:

S: Into xa ufuna uyenza *simple* ungayenza.

M: Hayi ndiliqhitala mna.

S: Yonke nje into edibene nentloko yhu. Into xa uyithanda noyithanda xa uzixelela uba uyayifuna yazi *it's easy*. Ngaske ndifumane imali *like ifunds* ndikwazi ukwenza i ndibenendawo ephangaleleyo endaweni erayithi *then* ndikwazi uthenga ezizinto ndingenazo *like ifurniture like* izitulo ezi *comfortable for* abantu bahlale, bangahlali estulweni esinjena *for ihour* bahlale estulweni esi *soft*. Ndifumane kengoku ndithenge neza *lamp* kuba khona *ilamp* ebakhona nje *for* uba ilayithi xa usenza amzipho *but because* andinayo, andika *affordi* uyithenga.

M: Xa ucinga ungaphela uhayarisha abantu kengoku bakuncedise?

S: E-e¹ ndingaphela ndiqasha, ndingaphela ndiqasha uba ndiyakowupha ndedwa ndingaba nalanto yoba *you come by appointment, you come by appointment but* ndibathathe nabangeyo *appointment because* baya *dissapointa* abantu. Ndimthathe umntu noba akayiyo.

M: Ithatha ixesha elingakanani *icourse* yamazipho yona?

S: Eyamazipho *it's two weeks*.

M: Iyakhawuleza.

S: *It's two weeks* xa usenza ijel *or iacrylic*.

M: Fanele wenze yonke into kodwa uvele ube *yibeautician*. Fanele wenze *nemake-up*.

S: *Neemake-up* zonke. *I wish but* yimali *man iproblem*.

M: Enzelba uba umntu aze kuwe athi ndenze.

S: Aze kum *once*. Aze kum *once and for all* kungabikho nto nd' zamthumela kwenye indawo. Ndiyirhalela ukufa lonto *if* bendingaba nemali ndizenze zonke.

M: Xa mhlawumbhi ndidikiwe ngawo lamazipho ndi..?

S: Uya hambha uyowaremuva.

¹ *E-e* is a shorter way of saying *ewe*, which means "yes."

M: Andikwazi uli khupha ngokwam?

S: H-m athele soze ukwazi uzikhupha ngokwakho *because* ancamathele.

M: *So* azawuzi phumela?

S: M-m. *You can go* kwi ndawo aba eyenza amazipho *then* bakukhuphe ke. *iSoak off* uyawasowuka *then* aremuveke ngelohlobo. Azawusowukwa kwenye ilentuka enyinto engamamzi *then a* sowukeke *within 30 minutes* ithi muncu yonke lonto isuke.

M: Kodwa ayingo manzi lonto. Ikhona into abayisebenzisayo.

S: Ayingo manzi yi *it's a chemical*. Xa uyijongile ingathi ngamamzi.

M: Umntu uyakwazi umyele mhlawumbhi kowabo okanye wenzela apha qha?

S: Ndiyamyela kowabo uba ndithathe ezizinto zam ndiyomenze akhongxaki. Ndiyamyela, uqala kwam bendisenza lonto, bendibayela *because* bendingena ndawo. Ndisenza nase zisalun ndiye esalun ndiyomenzela esalun.

M: Inyawo uyazenza zona?

S: M-m ndiyafakela inyawo *itips*. Yi 80 randi ufakela inyawo.

M: Wenza into enye?

S: Ndenza lento ndiyenzayo ewe *but* kengoku ndiyayenza nhe *footsoak* xa inyawo zakho zirwexa.

M: Yintoni kengoku leyo?

S: Ndizi sowukishe zona ndizifake kula nto yi*footspa*, siqabe eza *creams* zenyawo *ifootcream* fake *ishampoo* ndizihlambe zihlale pha kwi*footspa* *for 30 minutes and then after 30 minutes* ndiyazifaka *iscrub* ndizi *scrubhe*, ikhona *icream* ebhalwe *footsrub* *ndiscrubhe after* *ndiscrubhile* ndiphinde ndizihlambhe ndifake enye *icream*. *iCream* endizisebenzisayo zi *yithree*, enye yeyothambhisa enye yiheelbum *then* kengoku *imoisturize* kengoku zibesoft inyawo.

M: *iTips* zenyawo ziyalingana nezi zeminwe?

S: Ziba ncinci zona. Ziba ncinci zilingana neminwe yakho. Kanti qha zikwalapha kwezi ndikukhethela *the smallest one*. Ziya fitha, ndithatha kwa kwezi. Ixhomekeka eminweni yakho uba ingakanani.

English Translation:

S: If you want to do something, you can do it.

M: I'm not that talented.

S: Anything to do with hair. If you like something, and you tell yourself that you want it, then it's easy. I wish I had enough money to buy a spacious place in the right area, and comfortable furniture so my customers could sit in comfortable chairs, and not chairs like this, for an hour. I would also like one of those lamps that make the lighting just right for doing nails, but I can't afford it yet.

M: In that setting, would you hire people to help you?

S: I would have to hire people, and if I was doing things on my own still, I would have an appointment-only policy, but I feel like I would take those who do not make appointments as well, because people get disappointed sometimes.

M: How long does the nail course take?

S: It takes two weeks.

M: That's fast.

S: It's two weeks when you do gel or acrylic.

M: Have you ever considered just doing everything and just becoming a beautician? Doing make-up?

S: Make-up and everything. I wish, but money is the problem.

M: So that a person can come to you and say, "Do everything."

S: They could just come to me once and for all; I wouldn't have to send them anywhere else. I'd like that. If only I had money, I could do it all.

M: What if I get tired of these nails, do I..?

S: You go and remove them.

M: I can't remove them on my own?

S: No, because they are glued on. You will never be able to remove them on your own if they are glued on.

M: So they just come off on their own?

S: No. You can go to a place where they do nails, and they will remove them for you. They will do a process called a “soak-off.” This takes about 30 minutes, and after 30 minutes they will come off easily.

M: They don’t use water, though, right? They use some other product.

S: It’s not water; it’s a chemical. It looks like water, though.

M: Do you do house calls, or do you only work here?

S: I make house calls; if I take all my products, then it’s not a problem. I used to make house calls when I started, because I didn’t have a place yet. I also used to go to salons and do people’s nails there.

M: Do you do pedicures?

S: I do pedicures, too. They cost 80 rand².

M: Is it the same process?

S: Yes, it’s the same process, but I also do a foot soak if your feet are dry and scratchy.

M: What is a foot soak?

S: I soak your feet in what we call a foot spa, then apply foot cream and shampoo and wash them in the foot spa for 30 minutes. After 30 minutes, I scrub your feet with the foot scrub cream and then wash them again. I use three creams: one is to moisturize, the second is called heel balm, and the third one is the foot scrub; they all make your feet softer.

M: Are toenail tips the same size as fingernail tips?

S: They are smaller. They are as small as your toes. They are still taken from the regular tips packet; it’s just that you choose the smallest ones. It depends on the size of your toes.

About CultureTalk: CultureTalk is produced by the Five College Center for the Study of World Languages and housed on the LangMedia Website. The project provides students of language and culture with samples of people talking about their lives in the languages they use everyday. The participants in CultureTalk interviews and discussions are of many different ages and walks of life. They are free to express themselves as they wish. The ideas and opinions presented here are those of the participants. Inclusion in CultureTalk does not represent endorsement of these ideas or opinions by the Five College Center for the Study of World Languages, Five Colleges, Incorporated, or any of its member institutions: Amherst College, Hampshire College, Mount Holyoke College, Smith College and the University of Massachusetts at Amherst.

© 2013 Five College Center for the Study of World Languages and Five Colleges, Incorporated

² Rand is the currency used in South Africa. 80 rand is approximately 10 U.S dollars.